

IINDLELA ZOKONGA AMANZI

Yonga amanzi ekhaya, kwiinkampani, kwiindawo zoshishino, nasezikolweni

- Vala itephu enkulu (apho avulwa khona amanzi empompo) rhoqo emva kwexesha lomsebenzi, rhoqo nangempela-veki. Iindawo eziyenzayo le nto (ngakumbi izikolo) zonga ama-10 000 ee-liter zamanzi ngonyaka.
- Sebenzisa ibhakethi nomtshayelo, hayi uphayiphu, xa uhlamba amabala okanye iimoto.
- Yijonge rhoqo imibhobho yamanzi ukuba ayivuzi na.
- Gcina izigungxuli zikwimeko entle. Xa sisebenza kakuhle isigungxuli sithatha imizuzwana emi-2 ukuya kwemi-4 kuphela ukugungxula itholethi, ze sithathe imizuzu emi-6 ukuya kwesi-8 ukugungxula itholethi eseludongeni.

Yonga amanzi ekhaya

- Itephu evuzayo ichitha ii-liter ezingama-30 ngeyure, into ethetha ukuthi ngama-10 000 ee-liter zamanzi achithakalayo ngonyaka.
- Xa uhlamba qinisekisa ukuba ugalela amanzi amancinci ebhafini/ekomini, okanye uhlambe nomnye umntu.
- Yivale itephu xa uxukuxa. Loo nto yonga ii-liter ezingama-20 zamanzi
- Yivale itephu xa usheva iindevu. Loo nto yonga ii-liter ezingama-45 zamanzi
- Sukupula iiglas okanye amacephe (okanye izitya) phantsi kwetephu ebaleka amanzi.
- Sukuhlamba imifuno phantsi kwetephu ebaleka amanzi. Endaweni yoko thatha isitya esikhulu usigalele amanzi, wandule uhlambe imifuno. Loo manzi ungabuya uwasebenzise esityeni.



water affairs

Department:
Water Affairs
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



- Unakho ukuhlola ukuba itholethi yakho ayivuzi na ngokuthi ugalele idayi yokutya apha kwisitya setholethi yakho. Ukuba ngaba loo mbala wedayi uye wafunxeka esityeni eso, yazi ukuba kukho umngxunyana ovuzayo okwalapho etholethi.
- Itholethi evuzayo ichitha ii-liter ezingama-30 zamanzi ngeyure.
- Sebenzisa amabhakethi amabini kuphela xa ucoca imoto yakho. Ngokwenza oko wonga ama-300 ee-liter zamanzi.
- Bafundise abantwana bakho ngezi ndlela zokonga amanzi, umzekelo mabazi ukuba zifundwa njani ii-meter zamanzi.

Yonga amanzi esityeni

- Nkcenkceshela isitya sakho kuphela phambi kokuba kubethe intsimbi ye-10:00, okanye xa sele ibethile intsimbi ye-4:00.
- Sukunkcenkceshela ngemini enomoya, kuba amanzi akhawuleza ome ngeemini ezinje.
- Phinda usebenzise amanzi obusele uwasebenzisile (mhlawumbi ekhitshini okanye xa ubuhlamba) ngokuthi unkcenkceshele kwangawo esityeni.
- Sukunkcenkceshela ingca okanye izityalo de kucace ukuba zidada amanzi.
- Hlamba imoto yakho apha engceni, ze ube ngaloo ndlela wenza imisebenzi emibini ngexesha: owokuhlamba imoto, nowokunkcenkceshela.
- Ziphicothe iitephu noophayiphi ukukhangela ukuba azinazindawo zivuzayo na. Xa kunjalo tsalela umnxeba kwabo basemagunyeni.
- Khongozela amanzi emvula ngamatanki, ze uwasebenzise ekunkcenkcesheleni.
- Sebenzisa imibhobho efakwa ngaphantsi komhlaba ukuze ibe nakho ukufikelela lula ezingcanjini zezityalo, ze ngaloo ndlela zifumane ukomelela izityalo zakho.
- Xa usebenzisa oophayiphu abatshizayo, qinisekisa ukuba batshiza kuphela izityalo zakho, hayi iindlelana ezihamba abantu.

